

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English\isiXhosa

| EyeThupha 2017 Ushicilelo 1

## R200m project to improve technology in schools

**THE CONNECTED SCHOOLS** programme will help break the digital divide in schools and assist South Africa in improving the ICT professional development of teachers.

**Sulaiman Philip**

Over the next five years, the Telkom Foundation will invest R200 million to improve ICT, maths and science education in schools. Pilot projects have begun in Gauteng, with the Eastern Cape to follow before the programme is rolled out countrywide.

The first phase of the Connected Schools Programme (CSP) saw new high-technology infrastructure built at five schools in Tshwane West – NM Tsuene High in

Ga-Rankuwa, Ruabohlale Junior Secondary School and Seageng Secondary School in Soshanguve, Winterveldt High and MH Baloyi High in Winterveldt.

New computer labs for 50 pupils were built and 943 learners and 60 teachers at the five schools received tablets and laptops loaded with educational content.

Speaking at the launch of the initiative at Winterveldt High, the Minister of Basic Education, Angie Motshekga, applauded the telecommunications utility and added, "Placing key

ICT devices in the hands of our teachers and learners has the potential to break the digital divide and indeed assist us in improving the ICT professional development of all teachers involved."

### More than just learning

Telkom's Group CEO, Siphon Maseko, explained that the utility and the Department of Basic Education (DBE) intend to create environments that encourage growth and development. Beginning with Grade 8 pupils, the

programme will help them develop skills and prepare them for careers in the ICT sector.

"It has been made very clear that we have a significant skills gap in South Africa, as well as a lack of connectivity in certain areas. While the focus on subjects such as maths and science at a school level has increased, this has not been supported by actual large-scale investment. We are changing that."

A further R130 million will be spent on the Supplementa

● **Cont. page 2**



■ Placing key ICT devices in the hands of our teachers and learners has the potential to break the digital divide (Photo: Department of Basic Education)



**Job creation all sewn up**

**Page 4**




**World Breastfeeding Week celebrated in August**

**Page 7**



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)

[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Tel: (+27) 12 473 0405

**Free Copy**

*OR Tambo addressing the Conference of the Women's Section of the ANC in 1981: "The mobilisation of women is the task, not only of women alone, or of men alone, but of all of us, men and women alike, comrades in struggle."*

Life and legacy of  
**OR TAMBO.**  
**100 YEARS**



# Izifundo ezingokulondoloza indalo zikuluhlu lwezifundo eJeppe Park Primary

**ESI SIKOLO SINGUMZEKELO OPHILAYO** wendlela yokwakha engenzi monakalo kwindalo kwaye uluhlu lwezifundo ezifundiswa kwesi sikolo siza kuphucula indlela abafundi abafunda ngayo.


Sulaiman Philip

I fektri yezihlangu engasetyenziswayo eRhawutini iphinde yavulwa ngoku isetyenziswa ngabantwana besikolo samabanga aphantsi abangama-45. Futhi esi sikolo sibe sisikolo sokuqala sokuwongwa ngembasa i-Green Star eneenkwenkwezi ezine ngokusebenzisa izixhobo zokwakha ezingenzi monakalo kwindalo.

Isikolo i-Jeppe Park Primary singumzekelo ophilayo wendlela yokwakha engenzi monakalo kwindalo kwaye uluhlu lwezifundo ezifundiswa kwesi sikolo siza kuphucula indlela abafundi abafunda ngayo.

Esi sikolo silungiselelwe ukubonelela ngemfundo ekumgangatho ophhezulu futhi efikelekayo, siza kunceda abantwana abahlala kumbindi wesixeko saseRhawutini. Esi sikolo sakhiwa ngoncedo leengcali zokwakha ngeendlela ezingenzi monakalo kwindalo eziseRhawutini.

Iingxaki yokungabi namali



■ Ukukhuthaza ukuziqhelisa ukucinga ngendlela zokusebenza ezikhusela indalo esikolweni.

yaneleyo yokwakha yakhokelela ekubeni sifune iindlela ezinobuchule zokwakha ekungoku nje abantu bengawuvaliyo umlomo ngazo.

Ukwakha amagumbi okufundela needesika kwaye kwasetyenziswa amaplanga asele esebenzile, umgangatho phantsi nawo wenziwe ngamaplanga asele esebenzile, kwaye kwasetyenziswa amaqhekeza ezitena kweli donga belidiliziwe ukwak-

ha indledlana entsha yokungena emagumbini okufundela, kwaze kwathathwa amazinki amadala kwaxhonywa ngawo izindlu zangasese.

Indawo yokudlala yayakhiwe ngendlela yokuba ibe yindawo enokusetyenziselwa ukufunda kwaye uhlaza nezihlahla nazo zasetyenziswa njengexalenye yezifundo. Iintyatyambo ezingaphakathi emagumbini okufundela zazityalwe kwiiitoti

neemigqomo emincinci esele isebenzile, isikolo futhi saqalisa ukulima isitiya sesikolo ukuze imifundo evunwa kuso iphekkelwe abantwana.

Umseki wesi sikolo uMelanie Smuts nokwaliGosa eliPhezulu (i-CEO) lombutho ongekho phantsi korhulumente iStreetlight Schools, uthi, "Eyona nto siyiqwalasela kakhulu yimali kunye neendlela zokwakha iindawo elungele abantwana kwiindawo zemizi-mveliso. Kuyachulumancisa ke ngoko ukubona ukuba le miqobo okanye imingeni ikhokelele ekubeni sakhe izikolo ngendlela enobuchule nengenzi monakalo kwindalo. Kwaye abafundi bethu nabo abawuvali umlomo."

## Izinga esibekwa kulo ngokwezendalo

Iindlela ezisetyenzisiweyo ngethuba kulungiswa esi sikolo futhi novobe ovele ngethuba kulungiswa esi sakhiwo, umbane kunye nemibhobho kunye neempompo zamanzi azenzi monakalo kwindalo. Ukusebenza

ngolu hlobo yinto ebaluleke kakhulu kumalinge okulondoloza indalo, utshilo uDorah Modise, i-CEO yeGreen Building Council of South Africa. "Esi sikolo asakhiwanga nje ngendlela efundisa abantwana abaphuma kumakha-ya angathethi ntweni iindlela zokulondoloza indalo, koko siqalise inkqubo entsha yokukhuthaza icandelo lezemfundo ukuba nalo liwaxabise amaphulo okulondoloza indalo. Ilinge elifana neli liza kunceda kakhulu ukunceda aba bantwana ukuba bazi ukuba izixhobo zokusebenza nobutyebi buyaphela futhi bufuna ukunotshelwa.

Mithathu imigangatho yokuhlalelwa, iqala koneenkwenkwezi ezine iye koneenkwenkwezi ezintandathu, esetyenziswa kumacandelo ahlukeneyo aquka elezokuhombisa izakhiwo nezindlu ngaphakathi, elevenkile ezinkulu, elezemfundo nelezakhiwo ezihlala abantu. Ngokufumana iwonga leenkwenkwezi ezine kuthetha ukuba iJeppe ingumzekelo ogqwesileyo kwicandelo layo. ■

## UCharmaine Mrwebi, wenza yonke into ngeSetswana



■ UCharmaine Mrwebi nabalingane bakhe basebenzisa ukubalisa amabali ukukhuthaza uthando lokufunda nokubhala.

Sulaiman Philip

W onke umntu kufuneka afunde utsho uCharmaine Mrwebi. Lo mbhali uneencwadi esele zipapashiwe, ungusozincwadi nomseki weCharmza Literary Club uthi: "Abantu bakuthi kufuneka bangangabi kumathala eencwadi kwaye kufuneka bakuthande ukufunda. Khumbula ukuba umntu ofunda iincwadi yonke imihla, uba ngumntu okwa-

ziyo ukumamela. Ukufunda iincwadi kunceda abafundi esikolweni ukuba baqhube kakuhle kwizifundo zabo."

ICharmza Literary Club ihambela izikolo zaseThaba 'Nchu, idolophana uCharmaine awazalelwa kuyo, apho athi abalise abafundi ngothando lwakhe lokufunda iincwadi kunye nokubaluleka kwako.

Ufuna ukukhuthaza abantu abaxhobise nangezakhono zokubalisa amabali abo ngeelwimi zabo. "Sikwafundisa nabantu

abadala ngamanqanaba abalulekileyo okubhala ezabo iincwadi, okuzihlela nokuzipapasha ngeelwimi zabo."

UMrwebi usebenzisa la mathuba ekwezi zikolo ukubona abafundi banesakhono esithembisayo aze abafake phantsi kwephiko lakhe. "Sibamba iindibano kanye ngenyanga apho kufundwa khona imibongo kwizikolo ezahlukeneyo nalapho sikhuthaza abafundi ukuba mabafunde baze babhale imibongo."

Akuba ebanonile aba bafundi, uMrwebi uye "...abaphe iincwadi bazenzele awabo amaqela ahlalutya iincwadi, amaqela afunda imibongo kunye nafunda iincwadi."

## Umsebenzi oqhubayo

Ukusukela ngowama-2015 lo mbhali nompapashi uzinze eBloemfontein oko wasebenzisana noMnyhadala wezeNkcubeko waseMangaung apho aqhuba iindibano zamabali iMokete Storytelling Picnic. Esebenzisa ukubalisa ama-

bali kunye nonoodoli, uMrwebi kunye neqela lakhe bonwabisa abantwana ngokubalisela amabali ngolwimi lweSetswana.

Ukongeza apho, rhoqo ngoLwezibini uMrwebi kunye neqela lakhe leCharmza babamba iindibano zokufundisa abantwana ePerforming Arts Centre eFreyistatha. "Sichitha ixesha elingangeyure ukuphuma kwesikolo sisebenza nabantwana. Sifundisa abantwana ukuba izifundo zenkcubeko zibalulekile ukuze umntu ayazi into eyenzakayo ebomini bakhe nakwindawo ahlala kuyo."

UMrwebi naye ngethuba ekhula eThaba 'Nchu wayekuthanda kakhulu ukufunda iincwadi. Ukhe abalise ngendlela ukufunda iincwadi ekwakumnceda ngayo ukuba kumthathe kumenze atyatyadule azibone futhi azive engathi ukwelinye ilizwe. Kodwa usakufuna ukufunda iincwadi ngolwimi lwakhe lwenkobe iSetswana. Iincwadi ezo ziza kuba nemixholo

engezinto azaziyo, naziphilayo.

Ukholelwa ekubeni kubalulekile ukufunda, nokubhala iincwadi ezibhalwe ngolwimi lwakho futhi ezinemixholo oyaziyo. Uthi ababhali basebenzisa ulwimi lwabo lwenkobe xa becinga naxa bebhala uthi xa incwadi ithe yaguqulwa isuswa kwelinye ilwimi isiya kwelinye, ubuncwane nenkcasa yayo iyalahleka. Kuba engakwazi ukuzibamba efuna ukubalisela abantu ngokubanzi ngenkcubeko yakhe, uye wazipapashela ngokwakhe iincwadi ezine ngolwimi lwakhe lwenkobe.

Unethemba lokuba ukhona omnye umbhali onelwimi lwebele elisiSetswana uza kuvuseleleka leli bali lakhe naye atsho abhale. Ingaba uMrwebi yena wakhuthazwa ngubani ukuba makabhale? Ngumakhulu wakhe, u-Ellen Kuzwayo, umakhwekhwetha wombhali owawongwa ngembasa, nombhali wencwadi ethi: *Call Me Woman.* ■

# Ikhondo lokufama libethelelwa ebantwini abatsha

**INKQUBO YAKWAZULU-NATAL** ilungiselele ukutshintsha indlela ikhondo lezokufama elibonwa ngayo ngabantu abatsha futhi ibabonise amathuba emisebenzi amaninzi kwicandelo lezolimo.

## Hlengiwe Ngobese

**U**bomi babantu abatsha baKwaZulu-Natal abakuthandayo ukulima buza kutshintsha bube ngcono, oku kwenzeke ngenxa yenkqubo yephondo yokuphuhlisa amafama aselula.

Le nkqubo yenzeke ngenxa ye-ntsebenziswano phakathi kwe-Sebe lezoLimo noPhuhliso lwamaPhandle lephondo laKwaZulu-Natal kunye neDalum Agricultural College yaseDenmark – eyiyeyona kholeji inkulu neyiyeyona indala eDenmark.

Nangona le nkqubo kuqala yayigxininisa kuphuhliso lwamafama aselula athatha inxaxheba kwiinkqubo zokufuya, ngoku iye yandiswa yaquka necandelo lezokucolwa nokuhlelwa kweemveliso zezolimo.

UMphathiswa wePhondo (i-MEC) wezoLimo noPhuhliso lwamaPhandle uThemba uMthembu uthi le ntsebenziswano iza kuphucula izakhono zeshishini lezolimo kunye necandelo lokucolwa nokuhlelwa kweemveliso zolimo.

“Icandelo lolimo laseDenmark lineminyaka emininzi lisebenzisana namazwe ehlabathi kwezolimo nangamashishini ezolimo;

ama-20% emisebenzi yokuvelisa yaseDenmark yenziwa kumazwe angaphandle.

“Ilizwe laseDenmark linolwazi olutyebileyo noluluncedo kwezobuchwepheshe bale mihla, kwezokufuya, kwezokuqinisekisa ukuba ukutya kusemgangathweni ofanelekileyo, ukunika iziqinisekiso ezicacisayo ukuba imveliso leyo ivelaphi, ukuqokelelwa nokusetyenziswa kwenkunkuma yasezifama kunye nezinye iintlobo zemithombo yamandla,” utshilo uMEC.

Le nkqubo iza kuqhuba kule minyaka mithathu izayo, ixhaswa ngemali liSebe laKwaZulu-Natal lezoLimo noPhuhliso lwamaPhandle.

## Ukutshintsha indlela ezolimo ezibonwa ngayo

Kubalulekile ukuba siyitshintshe indlela elibonwa ngayo icandelo lezolimo, utshilo uMEC Mthembu.

“Icebo lephondo lokuzisa iinguqu kwezolimo liyakuqonda ukuba ukukhula kwecandelo lezolimo ephondweni kuxhomekeke ekwandiseni inani lamafama aselula,” wongeze watsho.

Uninzi lwamafama aseMzantsi Afrika luneminyaka engama-63 ubudala, utshilo u-MEC. “Kuba-



Abantu abatsha baKwaZulu-Natal baza kuxhamla kwinkqubo yokuphuhlisa amafama aselula.

lulekile ukuba thina singurhulumente, sisebenzisane necandelo lezolimo, sizame iindlela zokutsala umdla wabantu abatsha kwicandelo lezolimo size sibavulele namathuba.”

Wongeze ngokuthi ukuze uMzantsi Afrika uvelise ukutya okwaneleyo nokuba icandelo lezolimo libe yintsika eza kukhulisa uqoqosho kweli lizwe, kufuneka abantu abatsha bedlale indima emandla.

Amathuba akufuneki ukuba aphelele nje ekuqeqesheni abantu batsho bakwazi ukufumana imisebenzi, “kufuneka abantu abatsha bakhuthazwe ukuba baqalise amashishini kwezolimo” wongeze watsho u-MEC.

“Ngenxa yembali yeli lizwe, abantu abatsha abaninzi balibona icandelo lezolimo njengecandelo labantu abangafundanga.”

Isebe lifuna nokufundisa abantwana abakumabanga aphantsi. “Izicwangciso zethu kukwenza ukuba izifundo zokucebisa ngamakhondo zixelele abafundi ngemisebenzi efundelwayo kweli candelo kwakunye nolwazi olubalulekileyo ngeli candelo olunxulumene noshishino kunye nobuchule bezenzululwazi obufunekayo kweli candelo.”

“Kwiphondo laKwaZulu-Natal baza kuncediswa kangangoko futhi bafumane nenkxaso njengoko sizama ukuqeqesha nokuphuhlisa

amafama angomso,” utshilo u-MEC.

Abantu abatsha abakhethelwe ukuthatha inxaxheba kwinkqubo yokuphuhlisa amafama aselula kufuneka:

- babe nento yokwenza nezolimo, nokuba bangabanye babo baxhamle kwinkqubo yokubuyezwa komhlaba okanye babe nento abayenzayo enxulumene nezolimo ngokunokwabo;
- babe baziphumelele izifundo zezibalo nezenzululwazi (ezolimo zona ziya kuwaphucula nangakumbi amathuba abo) kwibanga le-12;
- babe bebekhe basebenza isithuba esizinyanga ezili-12, okokugqibela;
- babe ngabemi boMzantsi Afrika. **V**

**Ngeenkukacha ezithe vetshe ngale nkqubo, thumela i-imeyile kule dilesi: [yfdp@ada-kzn.co.za](mailto:yfdp@ada-kzn.co.za) okanye utsalele kule nombolo: 033 347 8600.**

## Amafama aseMatatiele alindele isivuno esincumisayo emva kokufumana uqeqesho

### Siya Miti

**A**balimi base-Ongeluksnek eMatatiele, eMpuma Koloni, bayaxhamla ngenxa yenkxaso-mali kunye noqeqesho abalufumeneyo.

Oku kwenzeke ngenxa yeMasisizane Fund kunye neSebe lephondo lezoPhuhliso lwamaPhandle neeNguqu kwezoLimo.

IMasisizane Fund lilinge lika-Old Mutual elineenjongo zokuncedisa kwiphulo lokudala imisebenzi, ukulwa indlala kunye nohlumo loqoqosho ngokuxhasa ngemali amashishini kunye nokuxhasa amashishini amancinci, aphakathi namancinane (ii-SMME).

IMasisizane Fund ityale imali eninzi ngeenjongo zokuba icandelo lezolimo elifuna imali eninzi livuleleke futhi ixhase namafama amnyama asakhasayo

kwaye iMatatiele, engummandla okufutshane nomda weMpuma Koloni neLesotho, yiyo exhamle kakhulu kweli linge.

IMasisizane ityale imali ezizigidi ezingama-80 zeerandi kwiifama ezikulo mmandla, ngolo hlobo kwatsho kwaxhamla abantu abangaphezulu kwama-3 400 abaphuma kumakhaya angathathi ntweni. Abantu abangama-498 baye bafumana imisebenzi ngenxa yeli phulo. Kuye kwaxhaswa iifama ezili-15 ezizi-hekthare ezingama-3 500 ubukhulu xa zidibene.

UMphathiswa wephondo wezoPhuhliso lwamaPhandle neeNguqu kwezoLimo uMlibo Qoboshiyane kunye neGosa eliPhezulu lesiGqeba (i-CEO) leMasisizane Fund uZizipho Nyanga kutsha nje bebezimase umsitho wokuphawula ixesha lokuqalisa ukuvuna eDelamote Farm, ezihekthare ezili-150 ubukhulu.

IDelamote Farm yafumana imali esisigidi seerandi esi-1.55 kwiMasisizane Fund kulo nyaka uphelileyo.

Umnikazi wale fama uDoreen Moshoeshoe uthi nangona ibingunyaka wakhe wokuqala lo engumlimi, ulindele isivuno esihle esimalunga neetoni ezintlanu ngehekthare nganye, oku kwenzeke ngenxa yoncedo alifumene kwisebe kunye neMasisizane Fund.

## Amafama asakhasayo angosomashishini

Kutsha nje amafama aliqela aseMatatiele afumana uqeqesho ngezolawulo ukuze akwazi ukulawula imisebenzi yezoshishino yeefama zawo. Amafama aye afumana nemalimboleko engenamiqathango ingqingqa kunye nenkxaso ngezoshishino.

“Siye sifake izicelo zemali-

sibonelelo eza kunikwa amafama kurhulumente nakumanye amahlakani, size sinike uncedo oluyimali-mboleko kunye nenkxaso ngezoshishino ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba la mashishini ezolimo ayaphumelela,” utshilo uNyanga.

Wongeze ngelithi iMasisizane Fund incedisa nasekubeni amafama afumane iindawo anokuthengisa kuzo iimveliso zawo ize ibancede bafunde futhi batyikitye nezivumelwano zokuqala ukuthengiselana into leyo eye yakhokelela ekubeni umbona ovunwa kwezi fama uthengiselwe iinkampani ezinkulu.

“Sanelisekile yile ntsebenziswano iphakathi kwamafama, iMasisizane Fund kunye nesebe. Xa kunokubakho izivumelwano zentsebenziswano ezininzi ezifana nesi, singakwazi ukuyilwa imingeni emininzi ekwicandelo lezolimo. Ukusuka

kwicala lokuvelisa kuphela njengoko sisiya sicola iimveliso sisenza nezinye izinto ezinxabiso ngazo yiyo kuphela indlela esinokukhulisa ngayo amafama,” utshilo u-MEC.

Isebe libekele bucala imali ezizigidi eziyi-3.77 zeerandi kunyaka-mali wama-2017/18. Le mali yongeza kwicingo lokubiya eli sele elinikiwe amafama.

U-MEC Qoboshiyane uthi: “Ukuba singakha ubudlelwane obuhle namafama, abatyali-zimali kunye namaqumrhu abolekisa ngemali singatshintsha le projekthi ibinokuthatha iminyaka eli-10 thina siyenze ngeminyaka emithathu. Oku kuza kunceda ukuba kwakhiwe iindawo zokuxosa nokugcina umbona ukuze athi amaxabiso ombona xa esihla, amafama akwazi ukugcina umbona ematankini naseziseleni ukuze awuthengise xa amaxabiso aphinde enyuka.” **V**